



Isalathiso: 20170213-8210  
12/12/41/1  
Imibuzo: N Ncede

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwabiwo noSetyenziso-mali: 0001/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-IMG, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela-Balawuli kwii-ofisi zezithili, nakwiiNtloko zezikolo ezizipriprayimari nezezikolo ezizimeleyo ze-ECD nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezineeklasu zamaBakala R

### **Isihloko: Inkqubo yenkxaso-mali yeBakala R ukususela nge-01 Apreli 2017**

1. KwiSetyhula 0039/2016 kwacaciswa inkqubo yenkxaso-mali yeBakala R ukulungiselela u-2017/2018 yaye kwachazwa nokuqaliswa kwenkqubo yokusetyenziswa kwekhompyutha (*an automated process*).
2. Ukususela nge-01 Apreli 2017, ziya kungeniswa zizikolo/ngamaziko zonke iinkxaso-mali zeBakala R ngokuqala kugqithwe kwi-CEMIS.
3. Kubalulekile ukuqaphela ukuba:
  - mabafakwe bonke abafundi beBakala R kwi-CEMIS;
  - mababonakale kwi-CEMIS bonke abafundi beBakala R njengenxenye yeBakala R ngalinye; yaye
  - makabonakale kwi-CEMIS utitshala weBakala R njengenxenye yeBakala R ngalinye.

Ibango lentlawulo yenkxaso-mali yeBakala R linokwenziwa kuphela emva kokuba kwenziwe oku kucaciswe apha ngentla.

### **4. Amabango enkxaso-mali**

Ziyafumaneka Izicelo zeBakala R ukwenzela unyaka-mali oqala nge-01 Apreli 2017 ukuya kwi-31 Matshi 2018 kwi-CEMIS yaye zinokufunyanwa ngale ndlela ilandelayo: Loga kwi-CEMIS.

Klikha ku-"Proceed".

Yalathisa ikhesa kwi-ayithem yemenyu "Administration" uze uklikhe ku-"Gr R Subsidy".

Khetha u-"Submit Application".

Uyacelwa uzalise la macandelo achaphazelekayo (*relevant fields*) afunekayo uze uluprinte uxwebhu lwebango lesikolo ukulungiselela iinjongo zeerekhodi emva kokuba ibango lingenisiwe. Ibango lenkxaso-mali yesikolo liya kungeniswa ngekhompyutha kwi-ofisi yesithili echaphazelekayo. Akukho manyathelo angamanye aya kufuneka kwisikolo eso.

Kucelwa ufunde uxwebhu *i-Grade R Subsidy Claim Application System User Manual* ukufumana inkcazo esikhokelo esicacisa ngezigaba ezilandelelanayo zenkqubo yokungeniswa kwebango lenkxaso-mali ngokuyimpumelelo.

## 5. Amaxesha amisiweyo

### Imihla yenkqubo yango-2017:

#### Isixa sesavenge sika-Apreli

Umhla	Inyathelo
01 Matshi 2017	Kuvulwa i-CEMIS ukwenzela ukungeniswa kwamabango
15 Matshi 2017	Umhla wokugqibela wokungenisa amabango zizikolo nangamaziko  <b>Makuqatshelwe:</b> Emva kwalo mhla akanakungeniswa mabango ukwenzela ukuba ahlawulwe.
15 Apreli 2017	li-ofisi zezithili zigqiba ukuqwalasela iingcebiso nenkqubo yokuvunywa kwamabango kwi-Eduinfosearch, zize zilisayinele ibango ngalinye.
15 Meyi 2017	Umhla wokugqibela wentlawulo yenkxaso-mali kwizikolo/kumaziko

#### Isixa sesavenge sika-Oktobha

Umhla	Inyathelo
01 Septemba 2017	Kuvulwa i-CEMIS ukwenzela ukungeniswa kwamabango
15 Septemba 2017	Umhla wokugqibela wokungenisa amabango zizikolo nangamaziko  <b>Makuqatshelwe:</b> Emva kwalo mhla akanakungeniswa mabango ukwenzela ukuba ahlawulwe.
15 Oktobha 2017	li-ofisi zezithili zigqiba ukuqwalasela iingcebiso nenkqubo yokuvunywa kwamabango kwi-Eduinfosearch, zize zilisayinele ibango ngalinye.
15 Novemba 2017	Umhla wokugqibela wentlawulo yenkxaso-mali kwizikolo/kumaziko

6. **Okuqhubekayo malunga nebango**

Kunokulandelelwa kwi-CEMIS okuqhubekayo kwibango yaye kunokungenwa kuyo ngolu hlobo lulandelayo:

Loga kwi-CEMIS.

Klikha ku-"Proceed".

Yalathisa ikhesa kwi-ayithem yemenyu "Administration" uze uklikhe ku-"Gr R Subsidy".

Khetha u-"Claim status".

7. Kucelwa uqhagamshelane nomlawuli wesithili we-CEMIS ochaphazelekayo ukuba unemibuzo emalunga ne-CEMIS kwakunye nomphathi we-ECD wesithili ochaphazelekayo ngokumalunga nemibuzo enxulumene nenkxaso-mali yeBakala R.

**ISAYINWE:** NGU- LJ ELY

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WECANDELO LEZEMALI**

**UMHLA:** 2017-02-17